Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

OKTHOBHA 2016

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

UKUQHEKEZWA KWAMAKHAYA ASILOLWAPHULOMTHETHO LWEZI**XEKO EZIKHULU'**

De kube yile minyaka idlulileyo, abahlali baseOverstrand bebethintelwe kumothuko wokuba iindawo zabo kubuqu - amakhaya abo - aqhekezwe zizikrelemnqa ngeenjongo zokubutha yonke into ekungafikelela izandla zazo kuyo, ngamanye amaxesha oko kube nemiphumele emibi kakhulu.

Ngenxa yoko, nangenxa yokuba abantu baseOverstrand ingabantu abathembayo, singayekelela umxhakatho ekukhuseleni amakhaya nezinto zethu.

Ngelishwa, ngenxa yokunyuka kokuqhekezwa nokubiwa kwezinto kulo mmandla, iKhomanda yabaCuphi baseHermanus uLt Col GM Pillay uthethe neBulletin ecela ukuba alumkise wonke ubani kulo mmandla ukuba avule amehlo kwaye azame ngandlela zonke ukunceda aqinisekise ukuba bazikhusela kwaye bakhusela nezinto zabo.

Ngaphandle nje kokuqinisekisa ukuba onke amasango omzi wakho - ngakumbi iifestile namacango - zitshixiwe kwaye zithintela izikrelemqa, nceda uqinisekise ukuba awubonakalisi ukuba akukho mntu ekhaya:

• Amaphephandaba kunye neposi ezifumbe kwibhokisi yeposi okanye emnyango zizinto ezibonakalisa ukuba akukho mntu ekhaya. Cela ummelwane ukuba awaqokelele.

• Xa ucwangcise ukungabikho ekhaya ithutyana, qwalasela ukufaka izixhobo ezimisela amaxesha ukuze zivule i-TV kunye nezibane ezithile apha endlwini ngamaxesha athile. Ngokwenza njalo ungenza kubenzima ukuba kuqapheleke ukuba kukho umntu okanye akukho mntu ekhayeni.

• KWAYE - uninzi lwethu lunomkhuba wokuvala iikhethensi ngaphambi kokuqhubeka nohambo olude. Nje ukuba ezo khethensi zihlale zikwindawo enye imihla ngemihla, iveki neveki, oko ngomnye wemiqondiso yokuba akukho mntu ekhayeni lakho. Mhlawumbi ummelwane wakho onobudlelwane naye oqokelela amaphephandaba/iposi anganceda nakule imeko?

• Ngelixa usekhaya, izinto ezixabisekileyo - ngakumbi iiselula, iithabhulethi neeleptopu - kumele zingaze zishiywe zisemboniselweni ecaleni kweefestile okanye iminyango evuliweyo! Nangona kunjalo, hlala uqiqa ukuba impahla eziselayinini okanye izichebi-ngca ezishiywe zingahoywanga ecaleni kocingo lwegadi zingatsala amehlo ezikrelemqa. Hayi bonke abaqhekezi bacacile nje phandle - abanye basebenzisa amaqhinga akrelekrele!

> *"Ngokwexesha elide, eyona ngcebiso kukuba uhlale uphaphile: Hayi nje ngokokhuseleko lwakho, kodwa ngokhuseleko lwabamelwane bakho."*

• Xa uphendula ifowuni evela kwinombolo engaqondakaliyo, qaphela indlela yakho yokuphendula. Musa ukwazisa ukuba oyena mntu uhlala kule ndlu - umz. umzali/umyeni wakho - angangabikho ekhaya. Qinisekisa ukuba ubethelela lo mthetho-siseko ebantwaneni bakho - nakulowo ubagcinayo. Ngokucacileyo, ukukhusela ikhaya lakho ukuba lingabinamdla tu kwaphela kwizikrelemqa ngokuthi ufakele izixhobo zokucupha umntu nezixokelelwano zentlabamkhosi zinganceda ukukhusela zonke izinto ezisondelene nentliziyo yakho.

• Ngezinto ezitshiphu ongazisebenzisa, yiba nenja okanye utyale izihlahla ezihlabayo malunga nocingo naphantsi kweefestile - amasela amaninzi ngoozungul' ichele abangafuni kuchitha ixesha bezikhulula kwizihlahla zomthungulu (Carrissa macrocarpa) okanye umkokola (Dovyalis caffra) ngelixa bebaleka.

Isilumkiso kubo bonke abathandi bezitiya:

Igama elisebenzisana nePavumente kuku***HAMBA!!!***

Nangona sibulela uthakazelelo lwabanini-mizi ngokuthi bolule isandla ekuhombiseni iidolophu zethu ngokuhombisa iipavumente zabo, uMasipala waseOverstrand kumele anilumkise ukuba oku kwaziwa ngenje'pavumente', ngeliphandle, licala lendlela.

Icala lendlela - njengoko kuchazwa ngumthetho - lithetha ukuba udini oluyi-1,5 yeemitha elimelene nesiza sakho lelikaMasipala. Libekelwe bucala ukuze lisetyenziswe zizo zonke iintlobo zothutho zoluntu - ngakumbi abahambi ngenyawo - ngakumbi kwimimandla yeendawo zokuhlala.

Abanini-mizi bethu banothakazelelo olukhulu kwaye izitiya zabo ziphumela kwiipavumente de zibe zenza kubenzima ukuba abahambi-ngeenyawo - ingaba bahamba ngeenyawo okanye bakwizitulo ezihambayo - bahambe bengakhange babe banyathela endleleni, bephazamisa izithutho!

Ngokucacileyo, njengoko kucacisiwe ngalo mzekelo apha, ezi zenzo zifaka engozni abo banelungelo lokuhamba kwiipavumente zeedolophu zethu ngaphandle kokuba batshayiswe zizithuthi.

Khumbula ukuba iilali, imizila nezitalato zethu ezininzi zivulekile ngokwaneleyo ukuba zingahamba izithuthi ezimbini. Ke, yiba nomfanekiso-ngqondweni wokudibana nezithuthi ezimbini iseso sisiya kwelinye icala, omnye umsebenzisi wendlela ekwibhayisekile kunye nomama otyhala iprem kwakulendlela inye...

Nje ukuba nawuphi kwaba baqhubi kule meko angahebuka ephepha ungquzulwano kwaye, njengomphumela, aphele engena kulo myezo ukwipavumente, wonke umonakalo - kuqukwa lowo ukwisithuthi - uya kuba ngumonakalo oya kuhlawulwa ngumnini-mizi. Kodwa eso sisiqingatha nje sebali: Masithi ungquzulwano alunakuthintelwa kwaye omnye wabo onzakale kulo nto…?

Lo mzekelo wenziwe apha ngentla yenye nje yezinto ezininzi ezingenzeka apho umasipala aza kungenelela ukuqinisekisa ukuba abanini-mizi abangeneleli kwiipavumente kwaye ababebenzisi-ndlela - ingaba ngabaqhubi okanye abahambi-ngeenyawo - abakho semngciphekweni.

Ngokucacileyo, umbuzo olandelayo ngowokuba: Ndingaqinisekisa njani ukuba ipavumente iyasebenziseka kubasebenzisi-ndlela? Impendulo elula ithi cinga ukuba ungumzali otyhala imveku ekwiprem ukusuka kwelinye icala ukuya kwelinye. Ukuba kufuneke uphephe izihlahla nemithi endleleni, uzifumane kunzima ukuqhuba iprem kumabala egrabile / izigcinakufuma emhlabeni okanye uphakathi kweefiya ezimuncu. Ngalo mba, icandelo 5(b) lomthetho kamasipala ekubhekiswe kuwo apha ngentla lithi "akukho mntu omakathintele nangayiphi na indlela ababahambi ngeenyawo kwiipavemente ngokuthi azise okanye avumele nayo nayiphi na into okanye isithuthi". Apha "into" inentsingiselo ephangaleleyo kwaye ingaquka imithi, izityalo, izihlahla, iintyatyambo, amatye, iziqobo, uhlalutye, ukwenziwa kweendima zeentyatyambo, ucingo negrabile.

Ukongeza koko, ngokwecandelo 8 lomthetho kamasipala ofanayo, ukuthula, ukugcina kwaye / okanye ukuxuba izixhobo zokwakha kunye / okanye ukuvumela naluphi na uhlobo lwenkukuma (kuqukwa nenkukuma yesitiya okanye yokwakha) ukuba inyuke igcwale indawo yoluntu (umz. iipavumente) ngaphandle kwemvume lulwaphulo-mthetho. Oku kuthetha ukuba iikheji / iikhonteyina, nazo, zingabekwa emacaleni endlela okanye kwiindawo zoluntu ukuba uLawulo olukhoyo luyakuphumeza oko ngesivumelwano exeshana ngenxa yalo njongo.

Ngempendulo ebanzi kokuvumelekileyo nokungavumelekanga, nceda udontse umGaqo-nkqubo ongoLawulo lweePropathi ezingenakuSuswa waseOverstrand kwi-www.overstrand.gov.za, uze unike ingqalelo kwimihlathi yama-63 ukuya kweyama-64 "Ukwandisa, Izakhelo zoLwandiso noGabadelo". Okanye ungandwendwela iiofisi zikamasipala ezikufutshane nawe ucele ikopi ekuthethwa ngayo.

OOCEBA BAKHO (2016 - 2021)

USodolophu olawulayo
Ald Rudolph Smith (DA)
028 313 8011 / 082 514 6411
rsmith@overstrand.gov.za

UWadi 1
Cllr Xolani Msweli (ANC)
074 623 0153
bennert@gmail.com

UWadi 2
Cllr Riana De Coning (DA)
028 313 8017 / 083 597 2781
rdeconing@overstrand.gov.za

UWadi 3
Cllr Kari Brice (DA)
083 650 4206
karibrice@hermanus.co.za

UWadi / Speaker
Ald Anton Coetsee (DA)
028 316 4454 / 083 283 5237
antoncoetsee@hermanus.co.za

UWadi 5
Cllr Valerie Pungupungu (ANC)
073 093 7288
pungupunguvalerie@gmail.com

UWadi 6
Ald Michelle Sapepa (ANC)
072 580 5157
msapepa@overstrand.gov.za

UWadi 7
Cllr David Botha (DA)
028 313 8023 / 079 491 6218
david@route2.co.za

UWadi 8
Cllr Elnora Gillion (DA)
028 313 8018 / 073 177 3299
egillion@overstrand.gov.za

UWadi 9
Cllr Grant Cohen (DA)
072 436 9068
grantcohen25@gmail.com

UWadi 10
Cllr Fanie Krige (DA)
082 773 7749
sdkrige@gmail.com

UWadi 11 / Deputy Mayor
Ald Dudley Coetzee (DA)
028 313 8058 / 082 574 4404
dcoetzee@overstrand.gov.za

UWadi 12
Cllr Vuyani Macotha (ANC)
076 859 7607
vmacotha@overstrand.gov.za

UWadi 13 / Cllr Dr
Junita Kloppers-Lourens (DA)
083 268 9408
jck-lourens@da-mp.org.za

Ummeli
Cllr Andrew Komani (DA)
028 313 8017 / 073 827 9972
akomani@overstrand.gov.za

Ummeli
Cllr Moira Opperman (DA)
072 898 3335
mopperman@overstrand.gov.za

Ummeli
Cllr Arnie Africa (DA)
071 608 0007
arniefak@gmail.com

Ummeli
Cllr Archie Klaas (DA)
074 623 0153
archieklaas@gmail.com

Ummeli
Ald Nicolette Botha-Guthrie (DA)
082 376 6265
nbotha-guthrie@overstrand.gov.za

Ummeli
Cllr Lindile Ntsabo (DA)
081 491 0949
lntsabo@yahoo.com

Ummeli
Cllr Siphiwo Kalolo (ANC)
073 828 3678
kololo.siphiwo@gmail.com

Ummeli
Cllr Theodorah Nqinata (ANC)
072 335 1338
nnqinata@overstrand.gov.za

Ummeli
Cllr Connie Tafu-Nwonkwo
(ANC) 071 916 7342
constancy@yahoo.com

Ummeli
Cllr Simphiwe Tebele (ANC)
072 886 0245
siimpra10@yahoo.com

Ummeli
Cllr Benet Molefe (EFF)
060 718 2807
molefebenet@gmail.com

II-WADI ZASE-OVERSTRAND:

1. I-Franskraal neMasakhane;
2. I-Gansbaai, i-De Kelders, i-Kleinbaai neBlompark;
3. I-Hermanus nenxalenye yeWestcliff;
4. I-Mount Pleasant, i-Hemel-en-Aarde Valley nenxalenye yeWestcliff;
5. Umzantsi weZwelihle;
6. Umntla weZwelihle;
7. I-Sandbaai;
8. I-Hawston, iFisherhaven neHoningklip;
9. I-Kleinmond, iMountain View nePalmiet;
10. I-Betty's Bay, iPringle Bay, iRooiels, iOverhills neProteadorp;
11. I-Stanford, iBaardskeerdersbos, iPearl Beach, iViljoenshof, iWithoogte neBuffeljachts;
12. Umntla-ntshona weZwelihle;
13. I-Onrus neVermont.

Umboniso wobungcali

Liwonga nenyhweba ukwamkela uMaryna Visagie kwigqiza likaSodolophu. Kulo mfanekiso ngomnye wemifanekiso kaVisagie ogama lingu-"Old Harbour - Hermanus"
owenziwe ngeoyile kufele. Abazobi abanomdla wokungenisa imisebenzi yabo ukuba iboniswe kwiiofisi zesigqeba bayacelwa banxibelelane noMari Geyer **aku-artintheoffice1@gmail.com**.

IKONSATHI YABADLALI BEPIYANO ABABINI NOMDLALI WETSHELO KWIKONSATHI

Carles & Sofia

Tobias Kotzé

NgoLwesihlanu 14 Okthobha, isibini esidlala ipiyano uCarles noSofia baza konwabisa abaphulaphuli ngeyure engumlingo yaseSpeyini. Baza kudlala uGoyescas (iminyaka e-100 emva koko!) ecatshulwe kwi-opera kaEnrique Granados, Suite Española ngokuqanjwa ngulsaac Albéniz no-Two Dances ocatshulwe ku-La Vida Breve ngokuqanjwa nguManuel de Falla. Le konsathi iza kuqala ngeye-19:00. NgeCawe umhla wama- 23 ngeye-15:00, iHermanus iza kwamkela eqongeni omnye oyinzalelwane yalapha umdlali wetshelo uTobias Kotzé. UTobias usanda kuphumelela isidanga see-mastazi kwiConservatorio della Svizzera Italiana eseLugano, eSwitzerland, kwaye uza kukhatshwa nguElna vd Merwe. Baza kudlala imisebenzi kaBach, okaBoccherini, okaBrahms, okaSibelius nokaProkofiev.

Zombini ezi konsathi ziza kubanjelwa kwiCivic Auditorium eHermanus. Amatikiti abiza iR130 (R60 abafundi).Bhukisha eBELLINI ku-028 312 4988. Eminye imibuzo ingabhekiswa kuMabhalana uRené du Plooy ku-082 940 4238.